# Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION.)

*Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.*

IXABISO 3d.] KING WILLIAMS Incindi Epitikeziweyo TOWN, NGOLWESI-NE, DECEMBER 4, 1890. [No. 318


KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

## Beauchamp, Booth Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Ivenkile YE MPAHLA EZIBUHLUNGU NGA-MAXABISO ANGATSHIPU.

$ $ $ $ $ $ $ $ ~

ITYALI—Zintle kodwa ziyalahlwa, ziqala kweze 4/6 to £2 inye.
I PRINTI ezi “ best ” ezihlanjwayo 6d. yard.
Edluliseleyo itshipu i Satin Emhlope ne Cream i Muslin yokunxiba snemigca 4 ½ d. yard.
I Satin Ezimhlope nezi Cream, l0 ½ d., 1/-, 1/6 nge yard.
Ingubo Zabatshakazi ezenziwa nge zintsha ifashini.
Iflawa Zabatshakazi. Izigubungelo Zabatshakazi.
Ingubo Zokutshata Zamadoda, Izitofa zokwenza Ibhulukwe Zokutshata Ziyasikwa.
Ibhatyi Ezimnyama ezi “ best ” Zetwidi.

*Yizani kuzibonela ezimpalila ngokwenu. Ngapambi kokuba nitenge napina yiyani ko*

## BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

E-QONCE, KINGWILLIAMSTOWN.

KWABAZA KUTSHATA

KANI POS AMEHLO APA

Nitini ngesisivato Somtshato esitungwe kwa

## PASCOE (kwa “ FOLOKOCO,”)

Kingwilliamstown. Yixeleni into embi kuso, ukuba iko.

ITYALI ZETU—UYEVA? ESPECIALLY ezabatshakazi. Ningalibali —PASCOE (kwa Folokoco), ngezantsi kwetyalike ye Zikotshi, e Qonce, apo nom’bona kona SALUFU.



AMAFANDESI KA J. D. ELLIS.

UMTETELI-FANDESI U ELLIS utengipa e Qouce yonke imihla emva kwe Malike VJ yakusasa—ngo Mgqibelo kahlala kuko Impahla yokufaya etengisayo.

Amafandesi ake Empahla Ehambayo abako

E-MTONJENI, KEI ROAD ngolwesi-TATU lwesibini ezinyanga zonke. E-TOLENI (DOHNE) E CUMAKALA ngolwesi-TATU lwesine zonke inyanga.

### Kuyo yomibini lemisito Abatengayo banokufumana Igusha ne Nkomo.

Bonke abezisa impahla yabo kuye ukuba ayitengise bangahlala besazi ukuba baya kufumana awona maxabiso alungileyo.

Kobhalelayo : J. D. ELLIS, Auctioneer,
Kingwilliamstown.

## LINSEED NE’ HOREHOUND.

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLO INGQELE, nazo zonke Izikuhlane zo MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGE BHOTILE.

*2/- LITUNYELWE NGE POSI.*

Ngaanani Nanganye kwa

P. GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,

KING WILLIAMS TOWN.

### ABAZELWEYO

LOKWE.—E Goshen ngo 2nd November, 1890, u Mrs. J. 8. Lok we ufumene INTOMBI.

### ABATSHATILEYO.

MTIMKULU-MSIMANG— E Witteklie Boach, ngo 27th October, 1890, ku. tshatiswe ngu Rev. A. E. Schmidt we Moravian Mission, u SIMON Y. MTIMKULU no THKRKSA ANNA MSIMANG, Umtshato wenkululeko, ite nemvula ebikade inqabile yana lomini yazindaka. 2tlll2

### ABALAHLEKELWEYO.

### Ihashe! Ihashe!

NDIHLAB’ UMKOSI mawetu wehashe Yiponi EBOMVU, etiwe tshivi eyekohlo indlebe, inomtshiso S.M. Ila. hleka e Goso. Olandisileyo ndomvuza ngovuyo olukulu. Abhe.Iele ku P. S. MAZWI, eare of Mr. R. Vied Tabase, Umtata. Elinye lifunyenwe.
3f27H

### Umkhosi we Hashe.

IITOKAZI ELIKULU ELINGWEVU; linomgca omhlope ebunzi ; umkono wangapambali wase kunene ukuqala edolweni umhlope; umlenze wasekohlo ukuqala edolweni ukwamhlope. Alikaqalwa. Olandisayo abhekise ku TAKA MLAWU, Euitombe, Rode, Mount Coke.
2f2711

### Bonisani Mawetu!

IPONI EBOMVANA endwebileyo, enomtshiso ongu J.S. entanyeni ngase kunene, nenkonjane kwindlebe yase kunene, xa ityebileyo inecoko. Ilahleke e Nxukwebe (Healdtown). Kunike mawetu ase Mxhelo, ku Gaga, nase Roxeni, nawo onke amawetu amele i Bhofolo, nakwizikiti ezimele nina. Olandisileyo wovuzwa ngokwanelisa o.

JACOB MVINJELWA,
Nyolula, Ngqamakwe, Transkei,
November 5tb, 1890.

### Bonisani Madoda!

ITOKAZI likulu kakulu LIBOMVUKAZI, litshiswe u V kumlenze wase kunene, ngase kunene pezu kweliso kuko ibalana elimhlope ongeliqondi kakulu ukuba akusondelanga, indlebe zinde kakulu. Apo latengwa kona kuse Dodoloro. Ndibhekisa kakulu kuni ba Tembu. Isiroro satu noko apo sikona nditi lebiwa, lise Mampondweni. Kwasa elahleke engamahashi amabini, elinye LIBUGWANGQAKAZI. Ondilandisileyo wovuzwa kakuhle. Wobhalela kum or ku Mr. Editor. Ndim,

TAMBA MANTANGA,
3fr2711 Emgwenyane, Lutuli, Tsomo.

## Imali! Umsebenzi! Imali!

EQONCE, ndingavuya ukuqubisana nabo bonke abafuna umsebenzi e Dayimani, i De Beer’s Company ifuna amadoda okumba. Imivuzo yoqalela kwi 4s ise ku 6s. Abafunayo bangaya kuwangenisa amagama abo ku Mr. Newing, naku Mfundisi ontsundu wase Wesile pa e Qonce kude kube ngumhla we 14 DECEMBER. Abakwimimandla yoma Rini, nama Komani, bangawangenisa amagama abo kubafundisi abantsundu bezondawo.

J. S. MORRIS, Wesleyan
Minister. Kimberley,
21th November, 1890. 3f412

## Iqela Lababoleki-Mali.

ISAZIS0 se Ntlanganiso yeqela laba “ Bolekisi nge Mali,” iya kuba kwa James Gudle, kwa Nomaheya nge 31st DECEMBER, 1890. Ayacelwa onke amalungu aqokelela lemali ye Qela ukuba aze abeko. Ningenzi ngakumbi mzi wakuti, nibeko nonke, ngamhla wokupela wonyaka. Nabangemalungu bayamenywa. Ndim,

THOS. a BKCKET MATOLENGWE, Oncedisa
u Nobhala egameni lo Mr.
S. Shosha no Mr. K. Masiko, i Committee.
Esihlabeni, Ngqamakwe,
21st November, 1890. 2tlll2



LEMINYAKA EYI 18



IGQITILEYO

SINGENISE KWELI LIZWE

## IBLANKETE ZOBOYA

*EZILUKWE NGOBUGCISA OBUBODWA, Igama lazo yi EXTRA* NAVY *or MATTROSS:’*

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPAULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esiluqinisele na Komkulu ngohlobo lwemifanekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENENE, kangelisa kunene ukuba inawona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYUZWAYO.
ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU.
IBLANKETE NGAN YE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkile enitenga kuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke.

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

## PEACOCK BROS, and WEIR,

E QONCE.

Ngabo bodwa abanokubhala lomfanekiso we Ngonyama.

GRAHAM’S TOWN ADVERTISEMENTS.

## BON MARCHE

[Apo Kutengiswa impahla entio ngamanani angemakulu],

E GRAHAMS TOWN.

*Saneke Ityali ezitshipu kanye, ezona zintsha, ziqala kwi 31- inye.*
*Ikaliiko Emhlope ne Brown, iqann 2 ½ d- yd.*
*Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4 ½ d. yd.*
*Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 4 ½ d., ne 6d. yd.*
*Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 1- inye.*
*I blanket zoboya ziqala 51- inye.*
*Amabhayi 21- lilinye; i Cotton Sheets 1/6 inye.*

### YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI !!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledi esand’ ukuvela e-England.

### INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.
IBHATYI ZE KODI, ziqala l0s. inye.
IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. 11d. inye.
IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.
ISUTI Emhlalayo umfana iflshini entsha, 21s.
IHEMPE, 1s. inye.

*Oze kutenga apa ngokwalatiswa yi “ Mvo ” maze akuxele oko. Ukuba-utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye uyakubuye ayinikwe isheleni ngeponti nganye.*

## JOHN W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Churcli Square,

GRAHAMS TOWN.

# GIBBERD no BRYANT.

## *ILOKWE ZOKUTSHATA.*

ISATIN EMHLOPE NE CREAM.
25s., 30s., 40s., 50s., 60s.

___ILOKWE ZOKUTSHINTSHA (Amabala onke) 25s., 30s., 40s.

IMINQWAZI YOKUTSHATA.
5s., 6s., 7s., 8s., 10s.

AMAGQABI ABATSHAKAZI. 1s. 6d., 2s., 2s. 6d., 3s.. 4s. 5s.

IZIGUBUNGELO ZABATSHAKAZI.
3s., 3s. 6d., 4s., 5s., 6s , 8s.

IONDILOKWE EZIMHLOPE.
1s. 6d., 2s., 3s., 4s. 5s.

I CHEMISES.—1s., 1s- 6d., 2s., 2s. 6d.

EZE 6d I-PRINTI - EZE 6d.

Amabala Amatsha.

## *GIBBERD and BRYANT.*

# Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

# BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcantcatweni.

KOKSTAD ADVERTISEMENTS.

# V. DOLD AND CO.,

BATENGA yonke into NGEMPAHLA nange CASH

Banempahla eninzi, enoncedo, e TSHIPU.

Pambi kokuba utenge kwezinye indawo kawuye kuvela kwa V. DOLD & CO.

Abatenga nge CASH bayapulelwa kakuhle.


## Iveki.

U HON. CECIL RHODES, M.L.A., Inkulu ! yombuso ufike e Kapa ngeveki egqitileyo ukubuya evela kuhambo apa olude abepeleke Umhlekazi ukusinga ngase Zambezi.

KUTIWA ngu Colonel Cardew ozakutabata isihlalo sika Malumate (Mr. Osborne) ongumongameli wakwa Rulumeni kwa Zulu.

INDLU yetyalike ye Caba lase Mbo ibetwe ngum'bane ngo 16 November yakubon' ukuba isand' ukupuma ityalike abanye abantu besemi ngapandle. Irupahla ezibe zingapakati zona zisindile kuba , abantu babehle bazipanga.

INDLELA kaloliwe esuka e Kapa eya e Simonstown ivulwe ngo Mvulo 1 December ngu Mr. Rhodes.

IBHULU elingu Feldyoni (Viljeon) lakwa Nozidwaba (Cyphergat) lisentanjeni ngokubeka isikubekiso endleleni kaloliliwe — ility'elikulu — ekubonakele ukuba impumlo ye treni ingelikwelelisi ngekonakele. 'Mbangi yoku. ugumoyal wempindelelo kuba lihlutwe ikontileki yokureya amalahle ngokusuka kwenziwe ulohwe wase Fairview.

U MR. SAUER ubuyele e Kapangolwesi Tatu Iwegqitileyo selenempilo oko abemke ngokonakala kwayo ukusinga e Beaufort West. ,

—

U RULUMENI umise u Mr. Cresswell : Clark ukuba abe ngumongameli (Traffic ; Manager) wololiwe abasuka e Bhai, umncedisi ibe ngu Mr. Dowling.

U MR. J. T. MOLTENO, ongumteteleli pambi kwe Jaji e Kapa, walatwe ngumzi wase Namaqualand ukuba ngomele lowo mandla e Palamente esikundleni sika ' Mr. C. Lewis. ,

KUTIWA ubude balehambo ebinayo i Ruluneli nkusuka e Kapa ukuya kweli lunge kwelama Ndebele ikumayile ezi liwaka linamakulu mabini anamanci I matatu anesibhozo.

U FAKU (Colonel Griffith), M.L.A, wapukelwe. yikali ebesinga pesheya kwe Nciba esuka e Monti ukuyakuhambela abamtuma e Palamente kwelo. Siva ukuba ubeyakude ayekufika nase Mtata.

NGESIPANGO esigqite pezu kwe Komani nge Sabata engapaya umbane ubete umfo ontsundu obequba inkabi ku Bonkolo.

U HON. CECIL RHODES ucinga ngokuhambela ezizitili zilunge kwelase Maxhoseni kwakamsinyane —mhlaimbi malunga nexesha lokuya okanye. lokubuya ekuvulweni kololiwe Bloemfentein ngo 17 December.
1

KUNCONYWA ukufa kwegusha ebezisand' ukucetywa e Skapu ngenxa yezimvula zinileyo. Omnye umlungu ulahlekwo jngamakulu amabini anamanci asibhozo anesixenxe.

IPEPA lase Kokstad lihlokomisa ukuba zibe zingeyiyo inyaniso zonke inteto ezimbi zokugxeka ebelizibhala nebezibhalwa ngababhaleli balo ngomfundisi u Hagile (Rev. P. Hargreaves) laye lilusizi ngenxa yazo, liziroxisa kanjalo. Sivuya nomfundisi kuba intshaba zake namhla zisitya utuli no tutu.

ULOYIKO lokungena kwama Bhulu kwe lakwa Zulu lupelile, njengokuba bekuke kwatiwa kungene kona ibuto lawo liya kupanga umhlaba. Kubonakala ukuba into leyo ibisabhungwa.

E BHOFOLO kuxelwa ezokufa kwenkosana yonongqayi u Inspector Currie kwifama ka Mr. Johnson eyi Edendale, ubefunyenwe zipango nayingqele. Le ndodana ibizalana no Sir Walter Currie obenguyisekazi.

I PALAMENTE yase Natal ivulwe ngolwesi-Ne lweveki egqitileyo.

UMHLEKAZI U Sir Henry Loch ubeke wahambela e Simonstown nentsapo yake wamkelwa ngembeko ezifanele iwonga lake.

INKABI ezimakulu matatu ezitsalavo, nekulu lokuxhela, kwakunye namahashe —impahla yebuto lamasodati ebelipeleke Umhlekazi Iruluneli ngoluhambelo lwake kweiipezulu—iyatengisa e Vryburg.

E OUDEBOSCH kwelase Tsitsikama kuxelwa ezokutsha kwexegokazi u Mrs. Pienaar xa libe lipekile ngokuti umlilo ubambelele ezilokweni, libaleke lakungena kweyona ndlu inkulu yatshanayo. Akusindanga nto, nalo noko libe lipangiwe ngamadoda alipilanga xesha Iide.

UMHLEKAZI Iruluneli no Lady Loch bayakunduluka e Kapa ngo 14 December ukusinga e Bloemfontein ekuvulweni kololiwe ngo 17. Apo bayakuba zindwendwe zika President Reitz.

SIQONDA ukuba Ijaji iya kuwuqala kwa-isentsha inyanga ezayo Umjikelo wayo wesiqingata sokuqala sonyaka, yaye iya kuqala nge Qonce ngo 7 January, 1891, ipele nge Nyaka ngo 31 January lowo. Ngati iya kuwutabata ngelinye ixesha wodwa owapesheya kwe Nciba umjikelo.

U MR. S. J. VAN JAARSVELD vase Christiana, kutiwa ulahlekwe lixabiso lemali eku £1,440 abeyibopelele ebhokisini yekali. Efikile apo ebesiya kona wakangela kubutyebi bake ufumene ingeko imali kuko iroba ngapantsi ekubonakala ukuba ipume kulo imali ngokuti ivapule iplanka ngobunzima. Epinde indlela ufike wafumana iplanka elo, akayifumana imali ekubonakala ukuba icolwe ngabahambe ngalondlela emva kwake.

SINOSIZI ukuti u Mr. D. Thomas, I omnye wamadoda amadala ase Qonce, ; ubhubhe ngolwesi-Bini, December 2. , Ubengomnye wamadoda abambelele kunene e Lizwini, etumekelela ukushumayela Indaba Ezilungileyo nakwabamnyama, kuba ubengumshumayeli wetyalike yabantsundu base Wesile e Qonce apa. Sikhuza intsapo yake.

KWIFAMA eyi Lewufonten kumandla we Vasbank e Dordrecht izulu lidlale ' ngo-Mvulo ongapaya kuma Bhulu amabini, umntu nomninawau Lucas no Jan ; Bekker iminyaka 30 ne 28 ngokuzana kwabo. Kwasinda intwana engu Labuscagne ibimi pakati kwabo. Bashiya abafazazana abatsha bobabini. Kutiwa labeta umfo ontsundu e Bankies kwalomini, yangomnye nmntu omnyama nomhlope e Xalanga.

KUBANJWE isipompotela so Mtembu u Jacob Madolo e Lady Grey ngokubulala umfazi. Izenzo zake kubafazi bake ; bobabini ezada ngelinye ixesha zapumelela ekufeni komnye umntwana wake, zizezibi. Ubanjwe nzima selekowase Dordrecht umandla.

KUXELWA elinye idabi ema Mpondweni pakati kwempi ka Nkosi Umhlangaso neka Sobo. ete yagxotwa yawezwa umda welama Xesibe eka Sobo. Amapolisa akwa Rulumeni ahlanganiselwa emndeni.

---

# Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE, DEC. 4, 1890

### *IRENTE ZAKOMKULU.*

KUKO icam esingaziyo ukuba liyaziwana ngamawetu ami kwimihlaba ecandiweyo emelwe yi Rente le kutiwa yi Quit rent." Bangaba abazi mhlaimbi abantu, ukuba kukululekile ngomteto wama Ngesi ukuba omelwe kurola le Rente unokuyirolela iminyaka emashumi mabini ngexesba elinye, kanti ngokwenjenjalo selemtenge kwapela Rulumeni ukuba angaze wabuya wabiza i Rente ngalowo mhlaba nasemva kokuba ipelile lominyaka imashumi mabini wayeyirafele yona. Kuko abantu , abamana beba semva ngerafu kule mihlaba yezikonkwane, ngokukodwa abantu abanezikonkwane kodwa bengahlali kuzo, abati bayilibale irafu de kugqite amaxesha omnqopiso ati yakuba ingarafelwanga lominyaka u Rulumeni ayitabatele kwaku imihlaba yabantu. Ngati ababantu bebengazincipisela inkatazo nengozi yokupulukanu nemihlaba yabo ngokuti sebeyirafela ngexesha elinye leminyaka emashumi mabini ngapambili babe bakululekile. Lendawo siyibeka pambi komzi ngetemba lokuba bangako abebegcina emipakatweni imalana abangati nambla bakuva into enjengale basukele pezulu bamkupe mpela u Rulumeni emihlabeni yabo, kanti kukuyihlangula kwabo nasengozini yokupulukana nayo.

### *INGQUSHWA NO NOBHALA.*

KUFUN' ukuti kusiniko idano ukutalalisa komzi wakowetu ose Ngqushwa ngengxoxo engo Nobhala. Sibe siba tina liyakusu kela pezulu i Ngqushwa libe lisiti yalunga into yalo njengokuba uvuliwe nje lomcimbi. Kungummangaliso kuti ukuti nakwakubeni sekude kwatiwa bangenisiwa e Qonce o Nobhala kuba befunyenwe ngumzi ose Ngqushwa banelisile. kungabiko ne Lawu lentaba kumawetu ase Ngqushwa obhalayo ukuyingqinela lonteto umhlaimbi ukuyipikisa. Kukuba i Ngqushwa iyi Ngqushwa " emnyama " na lento kusuke kwati cwaka ngokwentaka zibone ukhozi ? Akuseko nomntu omnye na ongati, nakuba ninzi usoyika kuba kumnyama, ngentliziyo yendoda acande ebumnyameni obo avise umzi indaba mayelana nokuba bafike nobubi na o Nobhala, kulowomandla; kuba umzi apa e Qonce uzakuba senxwalekweni njengetuba lonobhula kungenxa ye Ngqushwa. Aya pina amaroti o MSUTU, MQANDA nawo MPAHLA nawo MZAMO Nyani-nyani akuseko matemba omzi na e Ngqushwa ? ___________

### *Ingxoxo Engo Nobhala.*

SINGANGI singazekazekana ne nteto zamapepa abamhlope ate asingata lengxoxo inkulu, siya kuka sitabate eyepepa elinye lase Bhai ekutiwa yi *Eastern Province , Herald.* Elipepa liqala ngokunco

no usixhasile kulemizamo umzi wakowetu ude ukululwe kobu bunzima. Silila esimantshiyane ukuba ube umzi wakowetu ufakwa kulenzima ngobesimbalela kubahlobo basenyongweni u Mr. INNES ose Kapa.

ma umoya omhle ote wabonakaliswa yi Mvo ngaku Mr. FAURE Egelixesha abejikela kwelipesheya kwe Nciba. Lifika kodwa linganakani ukuba mayibe inkulu indawo ebange ukuba ufike urwaqele lomoya. Ngokupatelele kwinteto yelipepa masiti kwasentloko asibachasile o Nobhala abanjengaba libachazayo, emasiti bahlukile kanye kwabo banqeniweyo ngamawetu. Njengoko babalulwayo lelipepa o Nobhala : —

Ngamadoda engqondo noluvo, abagqibileyo ukuziqonda i Netevu, abati ukuwenza kwabo umsebenzi bangashiyi maroba okuba barore abantu. Abantsundu base Bhai abazichasile i Inspectors, ngapandle kakade kwe Netevu ezingatandi kuhamba pakati kotende lomteto. I Netevu ezibambe umteto kwanezihlamblluklleyo ziyazivuyela i Inspector, kuba utyelelo lwayo lulolokubakusela kwabangazipete ngesiko lomzi. Abantu base London abawamangali amadindala. Ngamatshivela odwa awanqenileyo; IMVO asikolwa ukuba inokumela ukuba kumiswe imiteto yokuncedisa indlavini. Akumangaliso ukuba amanxila, amasela antsundu angabavumi abahloli, laye isela lenkomo kwipondo elele kulo lingetandi ukuvelelwa ngu Nobhala, nedungudwane liyatonyalaliswa kukungabiko Nobhala. Kwabangengabo abalemikondo sibe . siba tina ibingavuyelwayo i Inspector, ebingangumhlobo kwabagcina isiko no tshaba kwabangahleli ngalo.

Akufuneki nganto ukuba side siti Abahloli abanjengaba babalulwa lelipepa lase Bhai abamangalwa i ngumzi okanye sihleli sinabo apa e Qonce—o Messrs. R. J. DICK, C. A. KING (e Nesi), no J. G. VERITY kwa Qoboqobo. Yintonina eposisekileyo ekupateni kwabo. Izichaze kakuhle i *Herald* i-Inspectors zase Bhai. ukodwa iti yakuza kwezi zelase maXhoseni ikubonakale ukuba iyabhadula. Iteta ngo Nobhala abangenabubi nabunzima, abamkelekileyo kumzi ontsundu. Mayibe oko ikuva kwango Nobhala abo xa bazitshoyo, kwanangabahlobo babo zaye nezizatu ingalamakulu mabini anamashumi mahlanu eponti ngonyaka abawamkelayo. Uluvo lomzi ontsundu lulu lona kulonto. Into embi kukuba kungeko bani ulukateleleyo uluvo lontsundu kulemicimbi yom'buso, kuba lona lungangqinelani kanye nolu lokuba kuko bulungisa banabo o Nobhala. Kulomcimbi kubuhlungu kuti ukuti u Mr. FAURE akafuni nokuluva uluvo lomntu ontsundu, into singazi ukuba uyenzela ntonina Umbulali ngokwake liba limhlope ityala lake akalelwa ukuba azitetele. I Inspector ezoyikwa ! ngumzi zahlukile kwezi sibaliselwa ngazo ngamapepa endaba ase Bhai. Ngesiqendu se 13 so Mteto 27 we 1884 ongo Nobhala kumiselwe ukuba babhale yonke into eyimpahla epilileyo ayifuyileyo umntu omnyama. Isiqendu 14 sifike simenze untaminani wonke umi walowomzi ukuba anike ingxelo ngempahla yomelwane; engakwenzi oko yinyanga entolongweni okanye £2. Ese 15 Isiqendu siti ukuba kuko into eyongeselelekileyo kwimpahla esezincwadini zika Nobhala makaye kuyixela umniniyo kwaoko nangapandle kokuba aziswe bani : ifunyenwe impahla engaxelwanga ngu Nobhala, iyebiweyo ; selelisela umniniyo. Inkatazo ke yokuhambisa ezizimiselo iyengatetekiyo, kuba kuzele Inkomo, Ihashe, Ibhokwe, Igusha, Ihangu kwakuqandusela Inkuku mawumelwe kukuya kubika ku Nobhala, okanye woncetezwa lumelwane. Efikile mhlaimbi u Nobhala ungekayikubika yintambo lonto. Umzi uti akuko ntlalo iyileyo. Yaye iyeyentonina yonke lengxushungxushu? Ngale i miteto ikoyo akuko nkomo ingenayo nepumayo nakuyipina i Lokeshoni ngapandle kwencwadi ya KomZulu. Yaye ingena mhlaimbi isimka mayaziwe sisibonda. Ngalomteto wo Nobhala umzi ute w'atwala intshutshiso embi. Ngeziqendu ze 21 ne 22 kwazalomteto ukumiselwa ukuba o Nobhala bazitshise ngomtshiso wabo inkomo namahashe abantu, engatshiswanga iyebiweyo ngumniniyo. Umteto onje awuzanga wabako; unjalonje uzamana nabamnyama bodwa bakululekile kuwo abamhlope Ufike apo umzi utingaze. Nguwupina kwabamhlope ongavumayo uZuba i Bhanki yake yaziwe ngabanye abantu? Impahla kwabamnyama yiyona bhanki. Yilemfeketo nenkatazo ingenanto inceda kuyo esiti mabakululwe kuyo abantu bakowetu, nesiti mabangengeniswa kuyo abebengapandle kwayo njengokuba bebenjalo abase Qonce, saye sibe singavuya

## Impawana.

KWIPEPA lase Kimberley sifumana; inteto ka Mr. J. C. Carl, obhala (6 Nov.), ekwelama Ndebele, kwa Bulawayo kwi Komkulu lika Lobengula. Uti babe nyanga mbini ezinentsuku ezilishumi ukuya kwelo besuka o Dayimani, abatike lilelizolileyo. Akuko onteto yamfazwe. Ukudla kwabo yinyama notywala. Uncoma ukungenisa komsebenzi wabe lungu bevenkile belozwe. '

UMHLEKAZI i Ruluneli ifike e Kapa, ukubuya koluhambo hide ibinalo, ngo 20 November. Kwindlela yokubuya xa bebese Setlagoli kuftke ixesha ukuba yahlukane namaqela amasoldati ekutiwa zi Hussars ase Natal okwangoku. Amazwi awabhekise ku Captain Coote, inkosana, aneliti afumene amasodati ingqeqesho emnandi kubunzima bezohambo bebenazo eyakuba luncedo kubo ngamaxesha emfazwe. Etshilo ute kunokwenzeka ukuba angafuneka lomasodati encedise emfazweni ngapambi kokuba emke kulemimandla ye Afrika. Uyafuna ke umzi ukuba ingaba yobapina lemfazwe.

AKUKO mzi ube ufanele ukuba ngapandle kwamayeza alunge kunene ka Mr. Jesse Shaw (Unogqala), ngokukodwa kwe mgama namagqira. Ngenye imini kulunywe umfo omnyama liramba kongapa ngase Nyara kwifama eyi Waterfall ka Mr. K. Sparks. Ute akuyibulala inene lowo wonda ngomlungu wake, oputapute wada wafumana ibhotile yomchiza ' ka Nogqala. Kutiwa ubuyele emsebenzini umfo lowo ngemini elandelayo. Isikwasilima apa e Qonce kukuba afun' ' ukuti asweleke lamayeza aluncedo lukulu nakumagosa awo. Nasema Mpondweni siva ukuba kwa eli yeza lisand' ukunceda.

U HARRY obudala buyiminyaka e 16, owazalelwa e Healdtown (e Nxukwebe), no Jack, obudala buyiminyaka e 15, owazalelwa e Lesseyton (kwa Ndlovukazi), onyana abancinane baka Mr. George Baker ose Bensonvale ngoku nje, bapumelele uviwo lwe Matriculation kwi University yase Oxford, e England, kwe lama Ngesi. Amadodana amaninzi abesezinyaweni zika Mr. Baker, nabanye abamaziyo, baya kuvuya naye ngokupumelela konyana bake ; saye sibanqwenelela ukutabata indawo ezibaluleke njengezo bakuzo koluviwo kwintlalo elandela eyase mfundweni.

NJENGASE Bhai abenzi bomqomboti base Qonce ngati bazakuhamba emagqarukeni nomsebenzi wabo. Akuko mntu utanda ukuzola ubavela usizi. Iqela ebelipazanyiswe ngamadindala nge Sabata engapaya libe lipambi kwamatyala ngolwesi-Hlanu owegqitileyo. U *Annie Bhovana* udliwe £10 okanye inyanga; u *Nogaba* kwangokunjalo; *o Annie Damane, Emma Simon* no *Yekanje* badliwe £5 , okanye iveki ezimbini. I mantyi ite umteto wala ukuba batengise awuteti nto ngozenzela intwana yokuba aziselele. Ute uzimisele ukubohlwaya nzima abatengisi bomqomboti bengena lasenisi.

ABAFUNDISI bebandla lase Tshatshi abapete umsebenzi wabamnyama bebehlangene e Rini, bonganyelwe ngu Bishop Webb, ngeveki egqitileyo. Nakuba ingekafiki ingxelo yomsebenzi wabo sifumana ukuba kubeko ngokuhlwa kolwesi-Ne intlanganiso ebiyevulelwe wonke, ekuwe kuyo inteto ezimnandi ngokuhamba kwe Lizwi ko Rev. C. Taberer (St. Matthews, Keiskama Hoek), j Rev. W. Philip (Gwaba), Rev. A. J. Newton (Lanti), Rev. J. W. Gawler j (Bhai), Rev. R. W. Stumbles (Newlands), i Rev. M. A. Maggs (Bolotwa), Rev. H. Mtobi (Cradock), Rev. Mr. White (St. Philips e Rini), no Rev. Canon Mullins.

NGO Mgqibelo ogqitileyo u Mr. R. W. Rose-Innes ufumene inxwaleko embi: ate kwavelwa ngumzi upela omhlope ! nontsundu. Uti ckwele euqwelaneni yamahashe alike kwi xegokazi elingu Bukula lase Zolo (ukuba asiposisi) xa kupambi kwe Dale College lizigqubutele ngetyali. Imikwazo nokubamba amahashe azincedanga, ate akuwajika amahashe selekufupi suka labalekela kwicala awajikela ngakulo amahashe u Mr. Innes amgila wakuwa yakwela pezu kwalo ikali emilenzeni. Ubehle wavuka wawa xa alunge kwi ofisi yemantyi kwapela. Lomcimbi ucikidwe ngoMvulo yimantyi, kwaye bekuko amangqina amabini antsundu ayibonileyo into leyo. Kufunyenwe ukuba eyona nto im'buleleyo knkopela ngapakati, amatyala afumana ukuba ufe ngengozi. Into ese imbi bububi abuvayo u Mr. Innes ukuba lengozi ihle kwituba elinaye, esitembayo ukuba yoba lututuzelo kuye into yokuba wonke esiti ibiyinto engena kutiwani le imhleleyo.

KUMNANDI kuti ukubona impato efunyenwe ngabavumi base Amerika kwenye ye Hotele zase Durban igxekwa ngama pepa endaba eli lonke. Lompato uyixele u Mr. McAdoo kwintlanganiso enkulu abacula pambi kwayo mhla baqala apo e Durban. Ute:—Kwakubon' ukuba bafumene impato entle, ngokude bamenyelwe kumabhotwe okumkani, nakwimizi yezihandiba zelase Yurop bafumana ukubukwa kuzo zonke indawo abake bazihambela, kuse Durban abate banamava angemnandi. Umlungiseleli wabo ube nexesha elingapezu kweveki ngapambi kwabo e Durban apo ate uqeshela indawo kwi Clarendon Hotel apo bakuba belatisiwe amagumbi kwabonakala kumnikasi mzi ngati wenze imposiso, kuba ute kubo akanakubanika ndawo kuba bemnyama kunokuba ebeba banjalo, baye bengamkelekile kwezinye indwendwe zalo Hotele, kwaye kubalulwa umntu wakwase Amerika ate u Mr. McAdoo kubonakala ukuba kwatyapa ukuba abe wapuma kwelo. Iyule ezimbini ngobusuku kumanzi ubesexeshinini lokufuna indawo ade wayifumana e Belgrade Hotel. Uyibulele ngashushu lempato ayifumene kumzi wase Tekweni ekubeni bengabelinye ibala, nakwakubeni yona imipefumlo ingaba imhlope."

Circuits, your financial trouble is thereby relieved to the extent of those appointments.

The whole matter of finance rests in a nutshell. If our respected Ministers in the Wesleyan Missionary Society of South Africa will apply one tenth of their time daily to the work of considering finance and soliciting funds for the maintenance of the excellent work I am convinced that their efforts would afford peace of mind to President. Chairmen of respective Districts, Ministers themselves stewards and laymen who have the we at heart, including your unworthy correspondent who will give his mite to the first Wesleyan Minister who will position of the Society.

I am, dear Sir,

A LAYMAN.

# Isihlomelo kwi " MVO ZABANTSUNDU," December 4,1890.


QUEEN'S TOWN ADVERTISEMENTS.

## MGUBO WE DIPU YE GUSHA OMTSHA.

Ningatinina ukuzingenisa emngcipekweni we Dipu ezine Tyefu ? Akuko mfuneko.

UQINISELWE NGENCWADI ZAKOMKULU, 1890.

OKA McDougall



OKA McDougall

## Umgubo we Dipu Ongenatyefu,

*UTSHA'BALALISA I'BHVLA NEZINYE IZILWANYANA*

Ezigusheni, ezinkomeni, emahasheni, ezibhokweni, ezinjeni, ezintakeni zasekaya, njalo-njalo.

Ulelona yeza le Bhula.
Utshabalalisa zonke izilwanyana kuyo yonke into Ehambayo.
Usindisa kwi mbuzane zentlobo zonke.
Upilisa zonke izilonda namanxeba.
Uhlumisa uboya kakuhle.
Ulungisa kakuhle ngapandle kwengozi.

*Awunayo kanye ingozi nomonakalo obangwa kuhlamba ngamayeza anetyefu.*

AWUNANGOZI KANYE. AWUNATYEFU KANYE.

GQALA.—Awunangozi kumntu nakwi ramncwa ; ukuba kune imvula emva kokublanjwa, okanye kokusetyenziswa kwawo, akuko tyefu ingawela emadlelweni.

Ukwiziquma za 20 e gallons zamanzi kwi Gusha ezi 25.

## McDougall Bros

LONDON: 10, MARK LANE.
NEW YORK, MELBOURNE, AND BUENOS AYRES.

## PEACOCK BROS, and WEIR,

KING WILLIAMSTOWN.

*Unokutengwa nakuyipina Ivenkile yelase Maxhoseni nase Mbo.*

## PRICE BROTHERS

*I-ARENTE EMTETWENI*

QUEENSTOWN.

Batetela abanamatyala pambi kwe Mantyi, Kumandla wakwa Komani wonke nemele wona.

*Baquba Imicimbi enge Mihlaba; Babhala Nemvumelano.*

Umsebenzi bawenza ngenyameko ngamaxabiso emfanelo kupela.

KANIBALINGE -

---

## PEACOCK BROS. NO WEIR,

E KOMANI

NGABATENGI abakulu Bokutya, benika awona Manani alungileyo. E Komani apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi kobuba utengise nokuba kupina.

Fhabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi, Imbotyi, I.ertyis, Umbona, Amazimba, bahlele benawo. qt31090

---

## CHUDLEIGH BROS.

QUEENSTOWN,

X' UFUNA

YONKE IMPAHLA YAMALEDI YOKUNXIBA.
YONKE IMPAHLA YAMADODA YOKUNXIBA

*Eyona ndlu izigqita zonke e Komani ngokulunga kwabafuna ukutenga IZIHLANG U.*

KWANGOKUNJALO § UKUSIKA § INGUBO.

*Bona Bayindlu Yengubo Zama-Nkazana nezama Doda, neye Zihlangu ngokufezekileyo kweli lase Ma-Xhoseni.*

Ningalibali xa niye Ekomani o CHUDLEIGH BROTHERS.

ISICELO:—Aba teoga kwi Venkile ezinexaziso kwi *Mvo* baboyi xela lonto kubanini Venkile.

## E KIMBERLEY.

Liqale ngolwesi-Tatu (Nov. 6th, 1890) ukuhlala ibandla eliyi High Court, ingu Judge Solomon esihlalweni, ingu Mr. Hopley ele Nkosazana. U July ngobusela ben komo ezi 7 zika J. B. Sheasby wase Brightpan, kwanezikwa 7 zomnye, unikwe iminyaka 3 esebenza nzima.— George Zulu ngokugqoboza efun' ukuba endlwini ka H. Donaldson, unikwe iminyaka 5 esebenza nzima—ubeseleke wabanjwa ka 8 ngapambili.—Edward Samuel, limbi ngu Jacob ngokuba inkomo ezi 5 zika D. J. Devilliers nezi 2 zika J. H. Faul, umbanjwa uzikusele ngokunamandla, unikwe iminyaka 3 esebenza nzima. — Hat ngokubulala ngengozi u Number-Two, unikwe inyanga 18 esebenza nzima.—Johannes ngobusela benkomo ezi 8 zika H. D. Gibson, kwanenkabi enye ka Smithers, nenye ka Tucker, unikwe inyanga 18 esebenza nzima.— Cosmo Camelari (i Taliyane) ngokubulala u Constanti Kaculas nge 15th September 1890, ugwetyelwe ukuxhonywa, ekoti ngemvume ye Ruluneli ibe bubom bake bonke entolongweni.—Frederick Michael ngokufunza izinja zimtye umntwana ominyaka i 7, ufunyenwe engenatyala wakululwa.—Sam Solomon (umbanjwa) ngokuhlaba u Jim ngemela nangokuqwesha entolongweni, unikwe inyanga ezi 3.—Frederick Williams, limbi ngu Frickey Joubert, ngokupanga u Clarke, unikwe iminyaka 4 esebenza nzima— ebeke wabanjwa katatu ngapambili.— Thomas Coward no Joseph Bootry ngokupanga endleleni u David Couter, u Coward waka wabanjwa ngapambili, unikwe iminyaka 4, u Bootry iminyaka 2 inyanga 6. — Mohamed Abdullah no Prague ngokubeta u Klaas bamsike nangesabele (sword)—u Mohamed ufunye nwe engenatyala wakululwa,—u Prague iminyaka 3 esebenza nzima. — James Kelly no John Anderson ngokupanga ngamandla u Abdol Nubby endlwini i £62, umsesane wembokotwe nowe golide njalo-njalo, bafunyenwe bengenatyala bakuluiwa.—U Sarah Piet (u vasfrow) ngokutihla umntwana abemzele, unikwe inyanga 12 esebenza nzima.—Jim Apollis ngokubulala ngengozi u Teti unikwe iminyaka 10 esebenza nzima. —Charlie Zulu kwangokubulala ngengozi u Jim nokubeta u Sarah efuna ukumbulala unikwe iminyaka 5 esebenza nzima.—Tom Zulu ngokubulala umkake u Janityi, ugwetyelwe ukuxhonywa.—Aba ayagqitywa ke amatyala elibandla.

E Toitspan ematyaleni u Katyi Jan uhlauliswe £25 okanye inyanga ezi 3 ngokutengisa ibhotile ye ginger brandy engenayo ilasenisi.

Umlilo utshise indlu ekutiwayi Market Restaurant ngobusuku be Cawa (9th inst.) e Market Square apa, sekufumane kwema iwokowoko lopahla olungaxeli nto — zizakuba zininzi izigigaba zomlilo kulomzi isondela nje i Kilimesi.

Ibhola yabantsundu e Kimberley ingcwele kangangokuba umboneli ongu Moni ngokungabilolungu layo akanakuteta nentwana encinane. Zide zikohle ngokunye izinto zempi ye kolala ezizezinye.

Zibembi indaba ezifike izolo (12 Nov.) ngocingo zivela Pesheya, zixela ezokungqubana kololiwe kufupi ne Taunton Pesheya,—ululiwe ubelayishe abantu belilizwe abebekwele kwisikepeesiyi " Norham Castle." Kweso sibongobongo kubantu abafele kuso sifumana igama lika Titus Bayliss, esiti tina ngu Titus Mbongwe, osuke apa e Beaconsfield esiya e Amerika ngenyanga efileyo—kuba site sakukangela kuluhlu (list) lwe passengers ezemka nesisikepe safumana ingu Titus Mbongwe kwi 3rd Class, endaweni ka Titus Bayliss ougekoyo kanye kulo. Lento ukufa ! !!

Pula Mayine ! Kuwe isicotokazi esikulu izolo-elinye emva kwe dinala apa, esitsho yayimisinga emikulu kwezizitilato zonke —imvulakazi eukulu ewe ixesha elingapezu kwe yure. Kakade idemetshe yona ivakala kumacala onke omzi—zoka zihlume imbokotwo, itsho kambe impi yase "Dambulo" xa incokola ezangapantsi komhlaba.—Qha, mina ngiti baqamba amanga.—NGU DAYIMANI. — Kimberley, November 13th, 1890.

## BUTTERWORTH.

[NGU M'BHALELI WETU.]

Intlanganiso yase Mzimkulu yenze umfuziselo omhle kunene, ukuti kanti bancedisa ukunyusa imfundo ezweni labo, kuba apo imi kona imfundo nangoku apa kuti kukuba kungeko bantu bakulu banesitunzi bateta futi nenkosi nezibonda zamaqaba ngoluhlobo ngemfundo yabantwana.—Imvula apa e Gcuwa yaqalwa ukubonwa nge 17th ku Octorer, yana sekukubi betu, imibulelo yetu siyayisingisa pezulu ngoko. Ukupinda ine kakulu nge 30th ka October lowo, nango November lo yenza kakuhle, kuyalinywa.— IMVO ZABANTSUNDU zinoncedo emhlabeni: inkomo ka John Coni Sikiti ifumaniseke ngenx' enayo. Siyafuna ngamandl' onke ihashe lika Pala ngokuhlatyelwa yiyo, nokuba kusesizukulwaneni sode sibe netamsanqa ngenx' enalo elipepa. Ndide ndaliqonda elipepa ngoku bekulindwe amagama oviwo lwakwa Rulumeni. Yinto elipepa liyi Mvo, malitatyatwe luhlanga !—Utywala bukulile ukubulala izimilo zolutsha, asisateti nto ngamaxego, sesililela izitombo ezivelayo. Noko linile nje kuzake kuti bembe, kuba kuyalinywa; boka budambe mhlaumbi kude konakale kukuba kuvunwe amazimba, aqale ke u Satana angene pesheya, obutywalwa andikolwa ukuba yolandelana iminyaka busenjenje libe lingacitakali ilizwe letu.

IYEZA LE MOFU.—E Bhofolo bati bafumene umchiza oncedayo kwesi sifo. Seuke walingwa kwinkomo ezi 12 zendoda enye zapila zonke. Baya kuwuhlokomisa bakuwunqhina ngapezulu.

## Izaziso Kubabhaleli.

KOBHALA ESE NDWANA.—Inteto oyitumeleyo asiyiyo efanele ukufakwa epepeni. Ikaulwe kuluvo loburara ngakwisiqu somntu.

KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

# DYER AND DYER

KING WILLIAMSTOWN.

## IMPAHLA EZINTSHA,

(Ngo Stemele bonke).

Ibhulukwe zamadoda z® Flannel emhlope ziqalela kwi 7s. 6d. nge par.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Ibhatyi | „ | Zelanga zelinene | „ | 7s. inye. |
| Ibhulukwe | „ | „ | „ | 5s. nge par. |
| Ibhatyi | „ | Zehlobo ze Holland | „ | 4s. 6d. inye. |
| Ihempe | „ | ze Tennis | „ | 2s. inye. |
| Ihempe | „ | Ezimhlope | „ | 3s. inye. |
| Ihempe | „ | Zokusebenza | „ | Is. inye. |

IMINQWAZI YOBOYA, IMINQWAZI YE STROYI, IMINQWAZI YE STOFU,—Intlobo-ntlobo—yamanani onke.

Zonke intlobo zengubo Zamakwenkwe, Zabafana, nezamadoda.
Ibhulukwe zekodi ezisikiweyo ziqalela kwi 6 6 nge par.
Impahla Entsha, Amapini, Ibhola, ne Net ze Tennis ezisand' ukwamkelwa.

IBATI, IBHOLA, IZINTIEZONA ZITSHIPU E KOLONI,—ZININZI ZENZIWE NGABONA BENZI.

*GQALA.—I Club xitengiselwa ngamanani elungelo.*

Isuti zamadoda ezisikiweyo ziqalela ku 50s.

(Iziziba nento zokuzimejela, zinikwa ngesisa kozifunayo).

Intlobo ezibleliweyo zokucitshwa, ze Zitofu, ze Diagonal, ze Serj, Zezitofu ezitofotofo, ze Kodi.

Umsebenzi, uhlobo, kwanokummila umntu,—Kungabekelwana ngako

IVENKILE ETSHIPU E KOLONJ. '

# DYER NO DYER,

KING WILLIAMS TOWN.

231O

---

LADY FRERE ADVERTISEMENTS.

# J. W. GARRETT & COZ

LADY FRERE,

## IZITORA EZITSHIPU

Ingubo Zamaledi, Iswekile Nekofu, nento zalowomkondo, Izihlangu, Ingubo Zamadoda, Isali nempahla yalowomkondo, Ubugoxo bento ezifunwa nangumzi Obomvu.

*Kunikwa amaxabiso angapezulu ngo BOYA, IZIKUMBU, UKUTYA, ne MPAHL A EHAMBAYO.*

---

A Wonderful Medicine.

# BEECHAM'S

For Bilious and Nervous Disorders, such as Wind and Pain in the Stomach, Sick Headache, Giddiness, Fulness, and Swelling after meals, Dizziness and Drowsiness, Cold Chills, Flushings of Heat, Loss of Appetite, Shortness of Breath, Costiveness, Blotches on the Skin, Disturbed Sleep, Frightful Dreams, and all Nervous and Trembling Sensations, &c. THE FIRST DOSE WILL GIVE RELIEF IN TWENTY MINUTES. This is no fiction. Every sufferer is earnestly invited to try one Box of these Pills, and they will be acknowledged to be " WORTH A GUINEA A BOX."

BEECHAM'S PILLS, taken as directed, will quickly restore females to complete health. They promptly remove any obstruction or irregularity of the system. 1-ora

Weak Stomach; Impaired Digestion; Disordered Liver;

they act like magic a few doses will work wonders upon the Vital Organs ; Strengthening the muscular System; restoring the long-lost Complexion; bringing back the keen edge of appetite, and arousing with the ROSEBUD OF HEALTH the WHOLE PHYSICAL ENERGY of the human frame. For throwing off fevers in hot climates they are specially renowned. These are facts " admitted by thousands, in all classes of society, and one of the best guarantees to the Nervous and Debilitated is that *Beecham s Pills have the Largest Sale of any Patent Medicine in the world.* Full directions with each box.

Prepared only by THOMAS BEECHAM, St. Helens, Lancashire, England..

SOLD BY ALL DRUGGISTS IN THE COLONIES.

---

## UFUNA

UFUNA elona xabiso lilungileyo nge NQHOLOWA, UMBONA, AMAZIMBA, nokuba ZITAPILE
'ufuna IMBEWU ELUNGILEYO yokuhlwayela.
Ufuna owona MGUBO, nokuba zinkozo ezilungileyo. zokutya.
Ufuna IMPAHLA yako ngentengiso nokutenga Marikeni

TUMELA okanye UYE

# GILBERT FOX AND SON,

MARKET SQUARE,

## KING WILLIAMS TOWN.

# "IMVO ZABANTSUNDU."

## ISAZISO.

## Kumzi Wonke Wakowetu.

UMHLELI we MVO ugqibe kwelokuba ake alinge ibakala elitsha ukutwasa ko Nyaka

Omtsha—January, 1890. Ngeloxesha Imvo Ziya kushicilelwa kwipepa elibanzi kuneli zibe zifudula zishicilelwa kulo.

Ngako oko kuko itemba lokuba ipepa elibanzi liyakuba nombilini wokwamkela Indaba zisesbushu, ezibe zingena kungena kwipepa elincinane.

Ngonyameko, nangokuzinikela ngamandla amatsha ekuwukonzeni ngelituba Umzi wakowabo, Umhleli uyatemba ukuba konyibilika nentliziyo ezimfesane ziza kade, kwanabebeke bayeka ukuncedisa kulomsebenzi wokunceda uhlanga lonke olumnyama, ukuba bafake izandla bamxhase ngokuzibandakanya nabase bezamkela IMVO.

Ngalenyanga ke Umhleli ulindele ukwamkela amagama abangena kutsha, nabangena bakubon' ukuba bebeke bayeka ukuzamkela IMVO.

*N.B.—Kuko iqela labatunyelwa IMVO elingekauqoshelisi lomnyaka, esingena kungena nalo Kunyaka Omtsha, emasibabongoze ukuba basincede, nokuba bazibandezele, ngokufeza imfanelo yabo kwango December lo. Batunyelwa ingxelo zamatyala abo.*

Umhleli ubengangi angalinyusa ixabiso lepepa kuba engasekeleze kutyeba ngalo. Uxolisekile ukuba ixabiso libe lelinokufikelelwa nangabasweleyo. Nakuba iya kunyuka indleko yepepa elibanzi, akangi ingegqita kwi nge Kwata ngapezu kwenani ebelirolwa kakade njenge ntlaulo. Oko kukuti:

KWABANGENGABO BE POSI,

| | | |
|---|---|---|
| Ifike ngapambi, nangenyanga yokuqala ye KWATA ... | ... | 3s. 0d. |
| Ifike emva kweloxesha ... | ... ... ... ... ... | 3s. 6d. |
| Abahlaulela Unyaka wonke | ... ... ... ... ... | 11s. 6d. |

KWABALITUNYELWA NGE POSI

| | | |
|---|---|---|
| Irolwe ngapambi, nangenyanga yokuqala ye KWATA ... | ... | 3s. 6d. |
| Irolwe emva kweloxesha ... | ... ... ... ... ... | 4s Od. |
| Abahlaulela Unyaka wonke | ... ... ... ... ... | 13s. 6d. |

Njengokuba umzi oteta Isisutu umana ucela ukuba IMVO ziqutywe nangalonteto, Umhleli ukulungiselele ukusihlangabeza eso sicelo ukuba kutunyelwe amagama abangazifunayo IMVO. xa zihanjiswa nangalonteto.

IMVO ziya kuhlala zimele Amalungelo Omzi Ontsundu ngamatuba onke entweni Zentlalo Nezombuso : inye into esijonge kuyo,—kukusamela *Ibala Elintsundu* ngapandle kokucalula Ubuzwe Nanteto, Nalunqulo.

IPEPA LOKUCELA "IMVO"

Abatumela amagama amatsha nemali mababhale kwizituba ezishiyelwe oko kwesisiqingata sepepa, balibuyisele kwaku Mhleli. N B.—Imaii ngangoko kunokwenzeka mayitunyelwe ngepepa lase Posini ku J. Tengo-Jabavu, Kingwilliamstown.

*Tumela IMVO ku*--------------------------------------------------------- *wase*--------------

________________________________*kuqala ngo*________________________________

*Nalo nexabiso leloxesha,*

*Igama lotumelayo.*

HUKU KE! MABANDLA AKOWETU!